


IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

2

Ikota 1



INcwadi eNkulu

2

Ikota 1

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

INcwadi eNkulu



Isivumo

Inkqubo edityanisiwego yoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi yaphuhliswa liqela lakwaFunda Wande ngokubonisana nabantu abavela kumacandelo ekharityhulam eSebe leMfundu eNtshona Koloni, eLimpopo naseMpuma Koloni, izifundiswa nabafundisintsapho abasuka kwiiyunesithi ezininzi nootitshala abasenkonzweni.

Ukupuhliswa kwezi ncwadi kwenzeke ngenxa yenkxasomali ye-Allan Grey Orbis Foundation Endowment, iFEM Education Foundation, iMichael & Susan Dell Foundation, kanye neZenex Foundation.

Image credits

Cover: Anja Stoeckigt

Sipho goes to school: Anja Stoeckigt

The waterhole: Val Myburgh

Sipho's new eyes: Anja Stoeckigt

What we need to live: All images supplied by Freepik

The food we eat: Images supplied by Freepik

(Chip packet): istockphoto/MarkGillow

A party at school: Anja Stoeckigt

www.fundawande.org

ISBN: 978-1-991225-36-8

Version 2: 2025



Nabani na uvumelekile **ukwabelana** (ukukhuphela kanye nokusasaza kwakhona imathiriyeli kuyo nayiphi na indlela okanye ifomathi) okanye **ulungelelanise** (uphinde wakhe okanye uguqule kwakhona ngokweenjongo onazo.) unike iikhredithi ngoluhlobo:

Funda Wande, IsiXhosa ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi, INcwadi eNkulu, IBanga 2, Ikota 1, CC BY 4.0.

Awunakongeza miqathango okanye uguqule milinganiselo ethintela abanye ngokusemthethweni
ekwenzeni nantoni na eneemvume ngokwelaisenisi.

Fumana iinkcukacha: <https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>

Isiquulatho

USipho uya esikolweni.....	1
Echibini	7
Amehlo amatsha kaSipho.....	13
Izinto esizidingayo ukuze siphile.....	19
Ukutya esikutya yayo	26
Itheko esikolweni	27



USipho uya esikolweni



Umakhulu kaSipho umthengela
iyunifom entsha yesikolo
ukullingiselela ibanga lesibini.

Uthenga iihempe ezimbini,
ibhulukhwe enye, iiipere ezimbini
zeekawusi kunye nepere enye
yezihlangu.

Umnika ipeni enye.



USipho ulinganisa iyunifom,
kodwa inkulu kakhulu.

“Heke!” utsho umakhulu, “Iza
kukulingana kunyaka ozayo.”



uSipho uye esikolweni enxibe iyunifom yakhe entsha. Wonke umntu wamthi ntshoo.

uSipho ubone uSihle esikolweni. Iyunifom kaSihle ibincinci kakhulu.

“Iyahlekisa indlela okhangeleka ngayo!” utshilo uSipho.

“Nawe indlela okhangeleka ngayo iyahlekisa!” watsho uSihle.



Isixhiphothi senkwenkwe
endala egama layo linguYakobi
sabona ipeni entsha kaSipho.

“Ndiyayifuna loo peni,” watsho
uYakobi. Watsho eyoxutha.



USipho waleqa isixhiphothi senkwenkwe. “Ndinik’ ipeni yam!” watsho.

Amantombazana amadala asibona isixhiphothi senkwenkwe xa sixhuphula ipeni. “Yakobi!” batsho, “Buyisa loo peni!”




UYakobi wanika uSipho ipeni yakhe. “Ndicela uxolo,” watsho.

USipho wayevuya.

Amantombi amadala athi,
“Owu! Jongani le nkwenkwana,
nehempe yayo enkulu kuyo!
Uyathandeka!”

Echibini




Ngomnye unyaka imvula
ayizange ine, ichibi laliphantse
loma. Izilwanyana zazinxaniwe.




“Ndisesona silwanyana sikhulu,”
yatsho indlovu. “La manzi
ngawam onke!”

Ithe impala kunye neqwarhashe
xa ziyokusela, indlovu
yazigxotha.




Ithe ingonyama nengcuka xa
ziyokusela, indlovu yazigxotha.
Indlulamthi kunye nehlosi nazo
zaye zayibaleka loo ndlovu
inkulu.



“Masiyinqande le nto yenziwa yile ndlovu!” zatsho izilwanyana.

“Ingumxhaphazi!” zathetha zatsho. “Ndinecebo, yizani nizokundimamela,” latsho ufudo.



Lwathi
ufudo,
“kufuneka
sisebenze
kunye,”
luthe
koconomyayi,

“Xa ndininika umqondiso,
ze nenze ingxolo enkulu.
Nihabhele kufutshane nentloko
yendlovu.”


Luthe kwizilwanyana,
“Xa indlovu ixakekile, zonke
izilwanyana mazibaleke ziye
echibini. Nixelete indlovu
ukuba mayabelane nabanye
ngamanzi.”



Ufudo lwenza umqondiso.
Oonomyayi baye babhabha
phezu kwentloko yendlovu.
Izilwanyana zaya apho echibini
zaze zakhwaza, “Ndlovu
yabelana nathi ngamanzi!”

Indlovu yabhekela yaze
yaziyeka ezinye izilwanyana
zasela.

Amehlo amatsha kaSipho



USipho wayehleli ngasemva
eklasini nomhlobo wakhe.

USipho wazama ukufunda
amanani asebhodini.

“Andikwazi kuwabona onke
amanani,” ezicingela.



“Ingaba leliphi elaa nani
lingasentla?” wabuza uAmosi.

“Lifana nehagu ebhabhayo,”
watsho uSipho.

“Ihagu ebhabhayo!” wakhwaza
uAmosi. Wonke umntu wahleka.


“Yiza kuhlala ngaphambili,”
watsho utitshalakazi. “Uza
kutsho ukwazi ukubona kakuhle.”



USipho wayekhathazekile
kuba wayengaboni kakuhle.
Ukuphuma kwesikolo waxelela
ugogo.

“Namhlanje khange ndikwazi
ukubona amanani kakuhle
ebhodini.”

Ugqirha wamehlo



Ugogo wasa uSipho kugqirha wamehlo ukuze amhlole amehlo. Ugqirha wakhanyisa ngesikhanyisi esiqaqambileyo emehlwani kaSipho. Wabeka izinto phambi kwamehlo akhe, waza wambuza ukuba ubona ntoni.

“Kowu! Le nkwenkwe idinga iindondo zamehlo!” watsho ugqirha.

Emva kweentsukwana nje
ezimbalwa uSipho wazifumana
iindondo zakhe zamehlo.
Uye wazinxiba.

“Gogo!” wakhwaza,
“Ndiyawubona umfanekiso
oseludongeni!”

Wabaleka waphuma phandle,
“Ndiyazibona iibhasi
ezisendleleni
kunye
neenkomo
ezisendulini!”
wakhwaza
watsho.





uSipho waya esikolweni enxibe
iindondo zakhe zamehlo ezintsha.

“Ndiyabona kakhule ngoku
titshalakazi!” watsho uSipho.
“Kuhle ke Sipho! Ndiyavuyisana
nawe! Ngoku awusokuze uphinde
ubone iihagu ezibhabhayo,”
Uphendule watsho utitshalakazi.

Izinto esizidingayo ukuze siphile



Zintoni esizidingayo ukuze sihlale sisempilweni?



Zintoni esizidingayo ukuze
sihlale sisempilweni? Kufuneka
sitye ukutya okusempilweni,
sisele amanzi acocekileyo,
siphefumle umoya ococekileyo
ze sizilolonge elangeni.



Ukutya okusempilweni
kusinceda ukuba sikhule.



Kusinceda
ukuba sihlale
sidlamkile,
kusikhusele
ekuguleni.

Kufuneka sitye ukutya
okunesondlo rhoqo.

Ukutya okuzii protheyini okufana
nenyama, intlanzi, inyama
yenkukhu, iimbotyi, amaqanda
kunye neemveliso zobisi kukhulisa
komeleze amathambo nezihlunu
zethu.

Ukutya okusisitatshi
okufana nepapa,
irayisi, isonka
kusenza sidlamke.



Iziqhamo nemifuno zisinika
iivithamini ezisigcina
sisempilweni.



Kufuneka sisele amanzi
oneleyo rhoqo. Amanzi asigcina
sipholile.

Anceda ukwetyisa ukutya.
Kumele sisele ilitha enye
yamanzi ngosuku.



Kufuneka usele amanzi
acocekileyo kuphela, kungenjalo
uya kugula.

Akhuselekile amanzi aphuma
kwiitephu nasematankini amanzi.

Mawacocwe amanzi asuka
emilanjeni nasemadamini
phambi kukuba aselwe.



Kuyafuneka ukuba umntu
achithe ixesha phandle rhoqo.

Imizimba yethu ifuna imitha
yelanga ukuyenza yomelele.

Kufuneka siphefumle umoya
ococekileyo.

Ukutya esikuttyayo

Ukutya esikutya rhoqo

Ukutya okusempilweni
kusenza somelele.



Ukutya esikutya ngamanye amaxesha

Okunye ukutya
kumnandi kwaye
siyakonwabela kodwa
akusenzi somelele.



Itheko esikolweni



Yayilusuku olukhulu lwesikolo
sika Sipho no Amosi. Isikolo
sasigqiba iminyaka elikhulu.

Ootitshala bathi kuza kubakho
itheko lokubhiyoza.

Oomama basesikolweni
bapheka isityu ngembiza enkulu.



Kwakushushu kakhulu ngaloo mini. Abafundi benza ikonsathi ababeyilungiselele abazali kunye nomakhulu. Kwakukho nezithethi.

Wonke umntu wayebilile kuba kwakushushu kakhulu.



Emva kwemini wonke umntu
wayokutya phandle. Isityu
sasisininzi sonele umntu wonke.

Kungephi, u-Ayanda wakhala
esithi isisu sakhe sibuhlungu.
UThami yena wathi akaziva
mnandi. Abantu abaninzi
baqalisa nabo bagula.



Inqununu yatsalela umnxeba
inombolo kaxakeka. Kwafika
iinqwelo zezigulana ezimbini.

Indlela ekwakushushu ngayo,
wawungenakho nokushiya
ukutya phandle. Oko kutya
kwagulisa abantu ababelapho.



Abantwana babekhathazekile.
Ootitshala babekhathazekile.
Oomama ababephekile nabo
babekhathazekile.

Itheko lalimoshakele.



Ngemini elandelayo bafumana
ummangaliso omkhulu. Iivenkile
ezazikufuphi zanikezela ngokutya
ukuvuyisana netheko labo.
Abafundi abadala, baye boja
inyama. Wonke umntu watya
ngoko nangoko. Yayilelona theko
elakhe lamnandi.



Funda Wande

Reading for Meaning